URhulumente weNtshona Koloni

NGOWAKHO

# ISAZISO ESIBALULEKILEYO

## IKHWELO LOKUBA IZIKOLO ZOLWALUKO ZIBHALISELE IXESHA LOLWALUKO LASEHLOTYENI LIKA 2024

Ngokwemigaqo yoMthetho iCustomary Initiation Act (uMthetho wesi2 ka2021) uNobhala weKomiti eQuqzelelayo yePhondo leNtshona Koloni, kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (iDCAS) umema bonke abazali, iinqununu zezikolo zolwaluko kwakunye namaqonga olwaluko aneenjongo zokwalusa amakhwenkwe ngexesha lolwaluko lasehlotyeni ukuba zibhalise izikolo zolwaluko. Izicelo zokubhalisa ziyakwamkelwa ukusukela ngomhla woku-1 ukuya kowe-15 kweyo Msintsi ka2024. Bonke abathabathi-nxaxheba baya kuphathwa ngokuyimfihlo.

Icandelo 26(2) leCustomary Initiation Act (uMthetho wesi2 ka2021) lithi, “Isikolo solwaluko kufanele sibhaliswe ubuncinane iinyanga ezintathu ngaphambi kokuba kuqale ixesha lolwaluko kwaye ubhaliso olunjalo lusebenza kuphela ngexesha lolwaluka elichazwe kwisiqinisekiso solwaluko.”

Ukuze kubhaliswe izikolo zolwaluko, iinqununu zezikolo zolwaluko kunye namaqonga olwaluko kufuneka agcwalise iFomu yeSicelo soLwaluko zityikitye, ze zizigqithisele kwiDCAS. Kukwafuneka ukuba zonke iinkcukacha ezongezelelweyo ezithe zacelwa kwifomu leyo yesicelo zibhalwe ngokugqibeleleyo.

Ngapha koko, abantu, abazali, kunye noluntu kufuneka luthethathethane namaqonga olwaluko asekuhlaleni okanye ancokole neSebe ngqo ukuze afumane uncedo.

Yonke imibuzo emayelana noku mayibhekiswe kwiSebe ngezi nkcukacha zilandelayo:
Umnxeba: 0214839717, oweSinqe: 0730840312 okanye
i-imeyile; Clement.Williams@westerncape.gov.za